| | | | |
|---|---|---|---|
| 1.3 | Isihloko: | Amaxesha onyaka | |
| | Imo efanelekileyo: | Intshayelelo, isiqu nesiphelo. | |
| | Ulwimi | Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi okhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo. | |
| | Umxholo | **Umviwa angasebenzisa nawuphi kule mixholo ilandelayo.**<br><br>Angabhala ngamaxesha onyaka nokwenzeka endalweni/ifuthe lamaxesha onyaka endalweni nasempilweni yabantu/usenokuvakalisa iimvakalelo zakhe ngexesha ngalinye, umzekelo, izinto azithandayo/usenokuwathatha la maxesha onyaka njengamaxesha obomi bomntu.<br><br>[Naziphi izimvo zomfundi ezisemxholweni ziya kwamkeleka.] | **[50]** |

| | | | |
|---|---|---|---|
| 1.4 | Isihloko: | Iitshomi | |
| | Imo efanelekileyo: | Intshayelelo, isiqu nesiphelo. | |
| | Ulwimi | Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi okhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo. | |
| | Umxholo | **Umviwa angasebenzisa nawuphi kule mixholo ilandelayo.**<br><br>Angabhala ngokubaluleka kweetshomi/izinto ezingakhiyo eziza neetshomi/impembelelo yeetshomi.<br><br>[Naziphi izimvo zomfundi ezisemxholweni ziya kwamkeleka.] | **[50]** |

| | | | |
|---|---|---|---|
| 1.5 | Isihloko: | Loo mini ndaziva nam ndiliqhawe | |
| | Imo efanelekileyo: | Intshayelelo, isiqu nesiphelo. | |
| | Ulwimi | Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi okhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo. | |
| | | | |
| | Umxholo | **Umviwa angasebenzisa nawuphi kule mixholo ilandelayo.**<br><br>Unokubalisa okwaqhubekayo ngale mini/achaze ukuba kwakuphi, kusenzeka ntoni kubani, isenziwa ngubani nenjongo.<br>Unokuvakalisa iimvakalelo zakhe/makayixele eyona nto yenza ukuba abe kwimeko yokuziva eliqhawe/ifuthe lale mini ebomini bakhe.<br><br>[Naziphi izimvo zomfundi ezisemxholweni ziya kwamkeleka.] | **[50]** |

| | | | |
|---|---|---|---|
| 1.6 | Isihloko: | Xa iziyobisi zinokuyekwa ukuthengiswa | |
| | Imo efanelekileyo: | Intshayelelo, isiqu nesiphelo. | |
| | Ulwimi | Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi okhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo. | |
| | Umxholo | **Umviwa angasebenzisa nawuphi kule mixholo ilandelayo.**<br><br>Angaxela iindidi zeziyobisi, iingxaki eziza nezi ziyobisi eluntwini nokungenzeka xa zinokuyekwa ukuthengiswa.<br><br>[Naziphi izimvo zomfundi ezisemxholweni ziya kwamkeleka.] | **[50]** |

| | | | |
|---|---|---|---|
| 1.7.1 | Isihloko: | | |
| | Imo efanelekileyo: | Intshayelelo, isiqu nesiphelo. | |
| | Ulwimi | Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi okhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo. | |
| | Umxholo | **Umviwa angasebenzisa nawuphi kule mixholo ilandelayo.**<br><br>Makabonise ulwazi ngesihloko asikhethileyo.<br>Ukuzilolonga/Ukuqala kwangoko ebomini ukuzilolonga/ ukulunga nokungalungi kokuzilolonga/iingxaki zokuzilolonga ezifunyanwa ngabantwana basemaphandleni/ukukhathalela abantwana/ukufundisa abantwana/ukonwabisa abantwana/ ukugcina abantwana besempilweni.<br><br>[Naziphi izimvo zomfundi ezisemxholweni ziya kwamkeleka.] | **[50]** |

| | | | |
|---|---|---|---|
| 1.7.2 | Isihloko: | | |
| | Imo efanelekileyo: | Intshayelelo, isiqu nesiphelo. | |
| | Ulwimi | Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi okhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo. | |
| | Umxholo | **Umviwa angasebenzisa nawuphi kule mixholo ilandelayo.**<br><br>Makabonise ulwazi ngesihloko asikhethileyo.<br>Unokuthetha ngongcoliseko lomoya okanye lwendalo ngokubanzi/izifo ezibangelwa lungcoliseko namaphulo okuluthintela/imithetho elawula imizi-mveliso malunga nongcoliseko lomoya/ukhuseleko lwempilo yabantu abahlala kwiindawo ezikufutshane nemizi-mveliso leyo.<br><br>[Naziphi izimvo zomfundi ezisemxholweni ziya kwamkeleka.] | **[50]** |

2.4 **INTETHO ENGEKHO SIKWENI**

- Mayivulwe ngeempawu zocaphulo, ivalwe kwangazo.
- Intshayelelo mayifaneleke; umzekelo, kubuliswe abantu abakhoyo kukrotyiswe nasemxholweni.
- Ithoni, nerejista ilungele injongo nohlobo lwentetho.
- Ulwimi malube nomtsalane ukuze ungapheli umdla wabaphulaphuleyo.
- Makuqukunjelwe ngendlela efanelekileyo. **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

## ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

### IMIYALELO YOKUMAKISHA

- Kweli candelo umviwa ukhetha umhlathi ube mnye, aze athi ukuba ukhethe yamibini, makisha owokuqala.
- Ubude bomhlathi omfutshane ngama-60 ukuya kuma-80 amagama umxholo kuphela.
- Sebenzisa irubriki esisihlomelo C ukumakisha lo mhlathi.

### UMBUZO 3

3.1 **IFLAYA**

- Mayibe nomtsalane.
- Makuvele ulwazi malunga nomboniso weempahla zomyili ophambili nengingqi leyo.
- Makuvele indawo oza kuqhutyelwa kuyo umboniso lowo.
- Makuchazwe neendidi zempahla eziza kuboniswa.
- Ukuba kuza kungenwa ngamatikiti makucaciswe ukuba aza kufumaneka phi, ixabiso lawo nexesha aza kufumaneka ngalo. **[20]**

3.2 **UNGENISO KWIDAYARI**

- Inyanga, umhla nosuku mazivele.
- Ibhalwa kumntu wokuqala okanye kowesithathu.
- Kusetyenziswa ulwimi olungekho sikweni.
- Ibhalwa ngokohlobo lwejenali.
- Mayiveze amanqaku ngotyelelo lwakhe kule Yunivesithi ngaloo veki.
- Angazibhala iimvakalelo zakhe. **[20]**

3.3 **IZALATHISI**

- Phuma e*Moana pool* ungene ngesitalato iLimba uze ungene nge*Queens drive* esekunene.
- Uza kubona isitalato iLivi esekunene, udlule kuso udlule neOlveston House *Museum* , uhambe de ufike kwisiphambuka esingu-Y.
- Ngasekhohlo uza kubona i*Mercy Hospital* ekwikona ye*Queens drive neNewington ave*.
- Qhubeka uhlangane nesinye isiphambuka esingu-Y, uze ungene kwisitalato iMzamo ekunene.
- Wakuhlangana ne*Royal Tce,* yihla ngayo unqumle isitalato iHeriot row ungene kwisitalato i*Pitt* udlule isitalato i*Queen* esekhohlo.
- Ekunene dlula isitalato i*Elder* necawa i*Knox* ekhohlo, unqumle isitalato i*George*, ungene kwisitalato i*Frederick*.
- Ngena ngasekunene kwisitalato i*Great King*, udlule i*Public Hospital* esekhohlo ne*Medical & Pharmacy School* ebambe ikona.
- Nqumla isitalato i*Hanover*, udlule i*New world Shopping centre* engasekhohlo uhamba ngqo, uphinde unqumle isitala to i*St Andrew* uya kufika kwi*Count down Supermarket*. **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 100**

